small business development
Department:
Small Business Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

sport, arts & culture
Department:
Sport, Arts and Culture
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Isimemo kwiNgxowa-mali yoNcedo lwe-Covid-19 kubuGcisa obuManyelwayo nobubonwayo, obuBonwayo, uMsebenzi wezaNdla noYilo

ISebe lamaShishini amaNcinane kunye neSebe lezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko ekunye amema ii-SMME, ooKopoletyeni nabaNini abangaBodwa/abaRhwebi abangaBodwa kumacandelo obuGcisa obuBonwayo nobuManyelwayo, obuBonwayo, uMsebenzi wezaNdla noYilo ukuba bafake izicelo kule Ngxowa-mali yoNcedo lwe-COVID-19.

Indlela esetyenziswayo yokufaneleka kwii-SMME, ooKopoletyeni nabaNini abangaBodwa:

a. Amashishini anokubonisa ubungqina bokuba imisebenzi yawo ichatshazelwe kakubi ngubhubhane wentsholongwane ye-Corona;

b. AbaNini abangaBodwa/abaRhwebi abangaBodwa abanee-ID ezisemthethweni zoMzantsi Afrika nabaHlawula iRhafu kwaye abanokubonisa ubungqina bokuba imisebenzi yabo ichatshazelwe kakubi yintsholongwane ye-Corona.

Bonke abafaki zicelo kufuneka bathobele iimfuneko ezingezantsi:

a. Inkampani kufuneka ibe yeyabemi boMzantsi Afrika 100%;

b. Kufuneka ama-70% abasebenzi ibe ngabantu baseMzantsi Afrika;

c. Amashishini aza kubekwa phambili ngalawo abaseTyhini, uluTsha kunye nabaNtu abanokuKhubazeka;

d. Ubhalise kwaye uthobele iimfuneko ze-SARS;

e. Uthobele i-B-BBEE.

f. AbaNini abaBOdwa/abaRhwebi abaBodwa kufuneka bahlangabezane neemfuneko zika-a, c no-d ngentla.

INkqubo yeSicelo

Izicelo zokufikelela kwiNgxowa-mali yoNcedo lwe-Covid kufuneka zisiwe[Habhu/Arhente] ngokugcwalisa iFom yeSicelo yeNgxowa-mali yoNcedo lwe-Covid-19. Amaxwebhu alandelayo kufuneka angeniswe nesicelo:

a. ILeta yeNkuthazo echazayo ukuba ibe nazimpembelelo zini i-Covid-19 kumsebenzi/kwinkampani yakho kunye nezicwangciso zakho zexa elizayo. Ileta mayingabi ngaphezulu kwiphepha eli-1.
b. IFom yeSicelo eGcwalisiweyo
c. ULwazi ngeNkampani/uMsebenzi:
    - Iprofyile yenkampani okanye i-CV ebonisa ukuba wena kunye/okanye inkampani yakho ibisebenza ngaphezu konyaka phambi kukaMatshi ka-2020
    - Nika ubungqina bomsebenzi wakho, umzkl. ifoto yomsebenzi wakho, amaqhagamshela kwiwebhusayithi/amakhasi onxibelelwano.
    - Ireferensi ebhaliweyo evela kwiklayenti okanye kumbutho obandakanyekayo ukuqinisekisa ukuba ungumsebenzi kumacandelo akhankanywe ngasentla kunye neesampuli zomsebenzi wakho.
    - IiNgxelo zaMva zeziMali zoNyaka okanye iiAkhawunti zoLawulo ezingekho ngaphezulu kwiinyanga ezintathu ukususka kumhla wesicelo okanye iziteyitimenti zeakhawunti yebhanki zeenyanga ezi-3 zokugqibela (apho kufunekayo)
d. AmaXwebhu okuThobela (* akhombisa apho kufunekayo kumashishini abhalisiweyo):
    - IKopi eqinisekisiweyo ye-SAID yomfaki sicelo ongundoqo

- ISitifiketi okuHlawula iRhafu esisemThethweni okanye i-PIN YERHAFU
- Amaxwebhu e-FICA (umzkl. iiakhawunti zikamasipala, ileta evela kugunyaziwe wemveli)
- Isiteyitimenti sebhanki seenyanga ezintathu (3) esinesitampu
- IZitifiketi zobhaliso zikaKopoletyeni kunye/okanye zeNkampani*

e. Ingxelo eFungelweyo ye-Covid-19 eqinisekisa:
- Ubungumxhamli woncedo lwe-Covid-19 na; OKANYE
- Ufumene uncedo lwe-Covid-19, nceda uxele umthombo woncedo, isixa osicelileyo kunye nesixa osifumeneyo.
- Isimo solwazi lwakho lwedemogfafi (B-BBEE, owasetyhini, ulutha, ukuba nokukhubazeka)
- Inani kunye nobumi babasebenzi

Isicelo sokufumana inkxaso kufuneka sisiwe kwiHabhu/iArhente yephondo engezantsi ngokugcwalisa ifom yesicelo yeNgxowa-mali yoNcedo.

Iifom zesicelo kufuneka zifike kwi [Arhente/Habhu] ngawo okanye phambi kwawo owe **19 October 2020** ngeye-12h00 kwaye sisiwe kwingqalelo ka:

1. **Eastern Cape**

EC-relief@ecdc.co.za

2. **Free-State**

FS-relief@fdc.co.za

3. **Gauteng Province**

gauteng-relief@gauteng.net

4. **KZN Province**

KZN-Relief@kzndac.gov.za

5. **Limpopo Province**

Lim-relief@lieda.co.za

6. **Mpumalanga Province**

Mpu-relief @mega.gov.za

7. **North West Province**

NW-relief@bbcdi.co.za

8. **Northern Cape Province**

NC-relief@nceda.co.za

9. **Western Cape Province**

WC-relief@thecdi.org.za